



VAKALISA ULUVO LWAKHO! INJONGO YOKUNGENISA INKQUBO EDANDALAZISA UKUYILWA KWESICWANGCISO SOPHUHLISO NGOKUHLANGENEYO (IDP) KWISITHUBA ESITSHA SEXESHA LOKUSEBENZA EOFISINI KOWAMA2027-2032 / ISILUNGISO ESIJOLISWE KWIBHUNGA

ICandelo28(2) loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000,lifuna oomasipala ukuba bacebisane noluntu lasekuhlaleni ngokumalunga nenkqubo ekufuneka ilandelwe, njengoko kuqulunqwe kwinkqubo engesicwangciso ukuba kwenziwe ucwangciso, kuyilwe, kwamkelwe kwaye kuphengululwe iSicwangciso esitsha soPhuhliso ngokuHlanganisiweyo (IDP).

Isiphumo sale nkqubo yokucebisa sisicwangciso senkqubo engokuyila kweIDP kwiminyaka emihlanu ezayo.

Amanyathelo aphambili nesiphakamiso samaxesha ofezekiso lwesicwangciso senkqubo, aqulunqwe ngezantsi apha.

INYATHELO 1: ULUNGISELELO LEZOBUCHWEPHESHE NOBANDAKANYO

Liqalisa emva kwezolonyulo loomasipala ngeyeNkanga (Novemba) 2026

- Kwenziwa umsebenzi wolungeselelo ongeteknoloji kuquka uhlalutyo lenqanaba lakalokunje lezophuhliso neemfuno.
- Kuchongwa zonke izicwangciso zogunyaziso nemimiselo engocwangciso, ngokungqinelana nomthetho wesizwe nowephondo.
- Kubandakanywa uluntu lasekuhlaleni ukuze umisele iimfuno zabo kwaye wenze izicwangciso kwakhona umeme uluntu ukuba lkuthabathe inxaxheba kuyilo / kuphengululo lweIDP ngokomlinganiselo wexesha leentsuku ezingama21. (Sinenjongo yokuba kucetyoswane ithuba elingaphezulu kweentsuku ezingama21 ukuze sivumele ixesha elaneleyo ngeli thuba lokuqhubeka kwemibhiyozo yasehlotyeni). - Ukususela ngeyeNkanga (Novemba) 2026 ukuya ngeyoMqungu (Janyuwari) 2027.
- Kucetyiswana kunye namanqanaba ezirhulumente nabanye abathathinxaxheba ababandakanyekayo.

INYATHELO 2: UYILO LWEXESHA LOKUSEBENZA EOFISINI KWE-IDP / UKUNGISO LWE-IDP ESELE ISEBENZA

- Ukuyilwa kwexesha elitsha lokusebenza eofisini kweIDP / ulungiso lweIDP esele isebenza - ukususela kweyoMqungu ukuya kweyoMdumba (Februwari) 2027.

INYATHELO 3: UVAKALISOZIMVO ZOLUNTU NOLWAMKELO

- Kudandalaziswa uyilo lweIDP / iziphakamiso zezilungiso kwiBhunga kwaye ufumane imvume ukuba udale iIDP eluyilo / iziphakamiso zezilungiso ukuba zifumaneke kuluntu ukuba luvakalise uluvo - ngeyoKwindla (Matshi) 2027.
- Kwenziwa uyilo lweIDP / iziphakamiso zezilungiso ukuba zifumaneke kuluntu ukuba luvakalise uluvo ngokomlinganiselo weentsuku ezingama21 - ukususela ngeyoKwindla ukuya kuTshaziimpuzi (Epreli) 2027.
- Kuphengululwa izimvo kwaye kwenziwe izilungiso kwiIDP eluyilo / iziphakamiso zezilungiso.
- USodolophu ungenise uyilo lokugqibela leIDP okanye iziphakamiso zezilungiso ezijoliswe kwiBhunga ukuba zamkelwe, ngekaCanzibe/eyeSilimela 2027.

INYATHELO 4: UKUBHENGEZA KULUNTU I-IDP ENTSHA / IZILUNGISO

- Kudandalaziswa kuluntu iIDP ephunyeziweyo / izilungiso zayo - ngeyeSilimela (Juni) 2027.

UPHENGULULO LONYAKA NOLUNGISO LWE-IDP

- Uphengululo lonyaka nezilungiso zeIDP ngokweIDP ephunyeziweyo neshedyuli engamaxesha ofezekiso lolwabiwomali.

Izimvo, izilungiso nezindululo ngokujoliswe kwiziphakamiso zenkqubo engocwangciso lweIDP, zingangeniswa ukususela 25 kweyoMsintsi (Septemba) ukuya kowama 25 kweyeDwarha (Okthobha) 2026, ngayo nayiphina kwezi ndlela zilandelayo:

- Ngoku-imeyilela ku NTO5YR@capetown.gov.za
- Ngeintanethi kwawww.capetown.gov.za/collaborate okanye kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izingeniso ezibhaliweyo: Zinikezelwe kwiofisi yeBhungana ekufutshane nawe okanye kwisakhiwo sethala leencwadi.

IYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu yeSixeko iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo.

Ukuze ufumane uncedo lokurekhodishwa koluvo lwakho oluthethwa ngomlomo, fowunela kwa 021 400 1450, okanye uimeyilele ku Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

